



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESIPHEZULU

IBANGA LESI-9

EYENKANGA 2017

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3

AMANQAKU: 50

IXESHA: 1½ iyure



Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamacandelo amaBINI.
ICANDELO A: IZINCOKO (30)
ICANDELO B: IMIHLATHI EMIFUTSHANE (20)
2. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngaLINYE.
3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.
4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA
5. Qiniseka ukuba wenza isicwangciso okanye imephu yengqondo phambi kwempendulo yakho.
6. Qwalasela iimpawu zokubhala (upelo lwamagama, uqhawulo-lwagama, iziphumlisi, isingxi njalo-njalo.)
7. Funda umsebenzi wakho phambi kokuba uwungenise.
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isincoko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-250–300 (imihlathi emi-5–8) kwisincoko ngasinye.

QAPHELA:

- Yenza imephu yengqondo phambi kokuba ubhale isincoko sakho.
- Isincoko sakho masibe nentshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Qwalasela upelo, iziphumlisi, uqhawu-qhawulo lwamagama nemihlathi.
- Namathela kumxholo lo ubhala ngawo.

UMBUZO 1

- 1.1 Bhala isincoko esichazayo ngesi sihloko silandelayo:
“Esona sipho sikhulu ndakha ndasifumana”.

[30]**OKANYE**

- 1.2 Bhala isincoko esicamngcayo ngesi sihloko silandelayo:
“Xa ndinokuba yimvumi ebalaseleyo”.

[30]**OKANYE**

- 1.3 Bhala isincoko esibalisayo esiya kuphela ngamazwi athi
“ukuba ndandibamamele abazali bam”.

[30]**OKANYE**

- 1.4 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ubhale isincoko ngayo. Nika isincoko sakho isihloko esifanelekiyo.

1.4.1

**[30]****OKANYE**

1.4.2



[30]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: IMIHLATHI**UMBUZO 2**

Phendula umbuzo ube mNYE kuphela kweli candelo. Ubude betekisi bube phakathi kwamagama ali-160–180.

2.1 ILETA YOKUVUYISANA

Bhalela umhlobo wakho uvuyisana naye ngokufumana ithamsanqa lokuba ngomnye wabafundi abakhethelwe ukuya kufunda phesheya.

[20]**OKANYE****2.2 ILETA YASEBURHULUMENTENI**

Bhalela elinye lamashishini elikufutshane nawe ucelele isikolo sakho isipho seekhomyutha. Kwileta yakho makuvele iindlela eziza kuninceda ngazo kwimfundo yenu.

[20]**OKANYE****2.3 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-Obhitshuwari kamakhulu wakho

[20]

AMANQAKU ECANDELO B: 20
AMANQAKU EWONKE: 50

